**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula umbuzo okwinoveli oyifundileyo.** | | |
|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' Uphandle* | 35 | 8 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 11 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula umbuzo okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 14 |
| | | |
| 5. *Inzala yamaRhamba* | 35 | 18 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Umhlahlo ngamehlo' | 18 | 21 |
| | | |
| 6.2 'Kanti andizenzanga' | 17 | 22 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Mfazindini wase-Afrika' | 18 | 24 |
| | | |
| 7.2 'Umnqayi' | 17 | 26 |

**ITSHEKHLISTI**

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' Uphandle*)<br>*(UMonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| B: Idrama<br><br>(*Ndiyekeni*)<br>*(Inzala yamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Umhlahlo ngamehlo')<br>('Kanti andizenzanga') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Mfazindini wase–Afrika')<br>('Umnqayi') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

'Hi, Nomakhwezi, uthi uphilile kakuhle? Le nto wasoloko undinqikela izinto ezingenasihlahla nezingavakaliyo, uthi ndiza kwazi njani ukuba uyagula nokuba akuguli?'

'O, undenza isidenge? Akulibali unesidenge somfazi osoloko umbhanxa?'

Le ngxoxo ngeba ibiza kuhambela phambili koko uLungile ugqibe kwelokuba makathule efixeke enjalo kuba inkosikazi isuke yathethela phezulu nokulila sekukufutshane. Eneneni wonqene ukuba kusuke kuvakale kwezinye izindlu ukuba kukho ingxabano. Kaloku izindlu zelokishi zinjalo ukusondelelana. Igqushe yodwa imazi, iphatha <u>kumbombozela</u> ithe fixi, amehlo ezingqanda. Umyeni wayo yena usuke wazikhuphela amaphepha-ndaba wafunda, wazitshayela akahoya. Ukusuka apho uye evenkileni wasebenza iincwadi zakhe.

Uthe naxa emva kwethuba azama ukulanda ubunyani nentsusa yale ngxoxo kwabonakala ukuba umfazi useligwele. Abafazi! Ukususela namhlanje akukhange kuphinde kubekho xolo apha kuba uNomakhwezi usuke wangenwa kukungamthembi uLungile. Oku kungamthembi kwenze ukuba asoloko eneliso elibukhali nelingelihle kubathengi abathi bamncokolise umyeni wakhe ingakumbi abasetyhini.

Baninzi abayiphawula into yokuba le nkosikazi inesifo samagxa esigqibeleleyo kwaye ayinaliso lihle kwabanye abantu. Bayithetha abaselokishini yada yaya kufika nakuNozililo. Wanyevula emacaleni ehleba kwalo mhlobo wakhe esithi uzenza bhetele ngabantwana babantu kuba esuke wazibona selenevenkile abayifumana ngamaqhinga. 'Kodwa unyaka mnye ngulo …'

1.1.1 Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

1.1.2 Libe yintoni igalelo likaNozililo kule ngxoxo? (2)

1.1.3 Nika injongo yokusetyenziswa kwengxoxo kwesi sicatshulwa. (2)

1.1.4 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukufaneleka kwegama athiywe lona uLungile kule noveli. (3)

1.1.5 Nika intsingiselo yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokwakwisicatshulwa. (2)

1.1.6 Cacisa ngeengongoma eziNTATHU ukuba isifo samagxa sikaNomakhwezi silikhulise njani eli bali. (3)

1.1.7 Loluphi udidi lwempixano olutyhilwa yile ntetho ingezantsi. Xhasa impendulo yakho.

' … uzenza bhetele ngabantwana babantu kuba esuke wazibona selenevenkile abayifumana ngamaqhinga. Kodwa unyaka mnye ngulo …' (3)

1.1.8 Nika udidi lwale noveli. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

'Ndithi kuwe akuziboni na iintombi zooSasayi ukuba zizishumane ezancama ukwenda kuba kaloku zifundile akukho nto ziyaziyo ngaphandle kokusoloko zibetha aba bantwana bethu kwesiya sikolo sidlakadlaka siya kuze siwele aba bantwana ngenye imini. Ndinomntwana ke mna ongabhitya ade abe zintsasa ngenxa yokomela esikolweni ngenxa yokuba kusithiwa yititshalakazi? Kaloku zona azihambi migidi zitshile zibethe ingqongqo zize kubonwa ngabafana. Mawo … o … o, ukuba akunanto iyenye uyizeleyo kulo mzi kaNgubengcuka, nankuya umnyango mfan' am; uThembisa ufundile xa ekwazi ukundibhalela ileta ebiza imali yoboya beegusha zam. Andinaxesha lakubhibhidla amazinyo ndithetha enye into.'

'Khawume kaloku Khuboni, nam ndiphendule. Ndiyakuva bawo, kuyo yonke le nto uyithethayo kwaye andikuphikisi. Qha, linye endilicelayo kuwe, Khuboni, lelokuba undiboleke lo mntwana abe ngowam, ndimfundise ukuze ukhangele ukuba yozala nkomoni na.' Iwaphethe njalo yona le titshala ayabi saya kwezinye iindawo.

'Uthi kutheni na, ndikunike umntwana wam? Uthi uyayiva nje le nto uyithethayo mfanandini? …'

'**Hayi kaloku SekaThembisa, mphulaphule utitshala, umnike ithuba**. Akatsho ukuba fundisa umntwana, koko uthi mnike aze kuzifundisela. Wothi ke ukuba uthe umntwana waqhuba kakuhle, abuyekezwe ngumntwana lowo,' unqandile uNowenti owayezitshayela inqawa yakhe ende phaya ngaseziko elixa amadoda axhwithanayo.

1.2.1 Ubaluleke ngantoni lo mxholwana ukwesi sicatshulwa kule noveli? (2)

1.2.2 Tyhila isigqebelo esivezwa yintetho kaGobidolo enomgca ngaphantsi. (2)

1.2.3 Xela udidi lozobo azotywe ngalo utitshala uNgxowankulu kwesi sicatshulwa. (1)

1.2.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Kule noveli uNowenti ungumlinganiswa …

A oyintloko.
B ongumchasi.
C onguvalithuba.
D olitshijolo. (1)

1.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli:

Intetho ebhalwe ngqindilili ngumzekelo (wolwimi oluqweqwedisayo/ wolwimi olucengayo). (1)

1.2.6 Tyhila umfanekiso-ntelekelelo okwigama elinomgca ngezantsi.

'… elixa amadoda axhwithanayo.' (2)

1.2.7 Bhala iziganeko ezingezantsi ngokulandelelana kwazo ebalini.

(a) Itheko lokuvuyisana noMpumelelo ngezifundo zobugqirha.

(b) Ukohlwaywa kukaMpumelelo esinaleni.

(c) Ukutsha kwemoto yabazali bakaMpumelelo.

(d) Iyelenqe lokutshiswa kwevenkile. (4)

1.2.8 Tyhila isimo sentlalo kweli khaya lakwaGobidolo. (2)

1.2.9 Phawula ngokufaneleka kwesihloko sale noveli. (2)
**[35]**

## UMBUZO 2: *UMQOL' UPHANDLE* – PM Ngani

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

Kude kwathetha uLinda, ebindekile: 'Ingaba ugqibile ukulawula iphupha lakho?'
'Ukuba liphupha, lisaphelele ke, nkosazana. Kukuwe ngoku. Khanyela, uyatyholwa!'
'Ukhohlakele, mcuphindini!' Ikhonkothe yatsho le nkazana, seyiphambene ngoku ngumsindo: 'Ungcolile! Unengcinga ezimbi ngoEddie! Unengcinga ezingcolileyo ngoLulama!! Unengcinga ezilizothe ngam!!! UEddie wayengenanto yakwenza noLulama, ndisatsho nangoku. UEddie wayeza kutshata mna, engenaxesha lamntu wumbi. Ndiza kukubonisa umsesane wakhe wengeji ngoku.'

Uthe khwasu sel' **entywizisa**, embonzeleka kulaa ngxowa yakhe yesikhumba. UHlobo ukhawuleze waya kumthintela, wee rhutyu loo msesane epokothweni, wawuthi qhiwu: 'Ingaba uthetha ngalo msesane?'

Ithe nqumama intokazi, imangalisiwe, amehlo ethe gwantyi iinyembezi. Ithe cebu ecaleni, ifuna ukudlula: wayithintela kwakho uHlobo. Iphinde yaqala phantsi ukufixiza. Unge uxhelelwe umfo wakwaHlobo akuzibona ezo nyembezi zisihla ngezo zidlele sezijike zabomvu, zinqumla umbombo. Uphinde weva engxoweni yakhe yebhatyi. Rhutyu laa volovolo, i-,*38 automatic!*

Zithe nqumama ngephanyazo ezo nyembezi, amehlo aye enwebeka ngokunwebeka anga atyhudisela ukuba aphume ngeenkophe. 'Uthini ke ngoku?' libe lelo elikaHlobo, engasaguyi ngako, 'Simangandini! Uyifumene phi ke leyo?'
'Yeyakho, nkosazana. Akwazinakana namhlanje izinto zakho kutheni?'
'Yeyam, ndiyayazi, andiyiphiki. Uyifumene phi? Kunini yalahleka.'
'Ungandixeleli.'
'Ndikuxelela inene emsulwa; kudala yalahleka.'
'Ndikuthanda xa usitsho.'

2.1.1 Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

2.1.2 Libe yintoni igalelo likaThembisa Ntlokonkulu kule ngxoxo? (2)

2.1.3 Nika injongo yokusetyenziswa kwengxoxo kwesi sicatshulwa. (2)

2.1.4 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukufaneleka kwegama athiywe lona uLinda kule noveli. (3)

2.1.5 Nika intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili ngokwakwisicatshulwa. (2)

2.1.6 Cacisa ngeengongoma eziNTATHU ukuba isifo samagxa sikaLinda silikhulise njani eli bali. (3)

2.1.7 Loluphi udidi lwempixano olutyhilwa yile ntetho ingezantsi? Xhasa impendulo yakho.

'Ukuba liphupha, lisaphelele ke, nkosazana. Kukuwe ngoku. Khanyela, uyatyholwa!' (3)

2.1.8 Nika udidi lwale noveli. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

'Ungamhlebi uThembsie, sibali. Ungafika entenetyile.'
'Andimhlebi, tyhini; ndithetha inyaniso … Thembsie … Thembsie … Udinwe kukulinda na ntombi okanye usaqhoshile? … Wena Thembsie!'
Utsho ekhaba ucango umf' omkhulu. Kaloku izandla zazixakwe ngumthwalo osemhlana.
Uvuse intloko uHlobo ngaphaya kwetyholo – wabek' iliso.
Umfo lo wambukela kakuhle. Umbone kakuhle emi phambi komnyango ongasevilini-apho ke babemshiye khona uThembsie engekadibani nenqindi likaHlobo.
Uthe umfo akungafumani mpendulo, wawulahla umgodlo wentsangu. Uthe rhutyu ithotshi engxoweni, wayihlaba. Uthe ngokubona ukuba akukho Thembsie apho, waguqukela kucango olungemva.
Nalapho ufike wayihlaba ithotshi. Kungabanga kudala, uyilahle phantsi loo thotshi, waxhoma izandla.
Kaloku apho ufike laa nkwenkwe yepolisa ibingaphakathi noThembsie seyiwujolise kuye umpu. Akabanga sachitha xesha noHlobo kwelakhe icala. Uyihlabe kwasika impempe. Yeka ke, bathe phushululu bonke ooNongqayi kwamanye amatyholo. Athe esothuka amanye amadoda entsangu abe serhangqwe macala zezo ngxilimbela zamapolisa. Ipolisa ngalinye lalithe chu ithotshi kwesekhohlo, iyivolovolo kwesokunene.
Iwe ngaxesha nye imigodlo yentsangu, zaxhonywa ngaxesha nye izandla. Kwakhona ibenguHlobo othe gqada phambili, ewalumkisa:
'Ukuba kukhe kwashukuma nokuba mnye kuni, litshil' ibhayi!!'
Esitsho nje, umpu wawuse ulungele ukudubula.
Kuhlabele yanye indoda: **'Siyazinikezela, zinkosi.'** Namanye acule kwa elo culo linye: 'Siyazinikezela, zinkosi.'

2.2.1 Ubaluleke ngantoni lo mxholwana wesi sicatshulwa kule noveli? (2)

2.2.2 Tyhila isigqebelo esivezwa kukubanjwa kwezi zikrelemnqa kwesi sicatshulwa. (2)

2.2.3 Xela udidi lozobo azotywe ngalo uThembisa kwesi sicatshulwa. (1)

2.2.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Kule noveli uHlobo ungumlinganiswa …

A oyintloko.
B ongumchasi.
C onguvalithuba.
D olitshijolo. (1)

2.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli:

Intetho ebhalwe ngqindilili ngumzekelo (wolwimi oluqweqwedisayo/ wolwimi olucengayo). (1)

2.2.6 Tyhila umfanekiso-ntelekelelo okwigama elinomgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

2.2.7 Bhala iziganeko ezingezantsi ngokulandelelana kwazo ebalini.

(a) Ukundwendwela kukaHlobo e*Moonglow Night Club*.

(b) Ukufika kukaLulama endlwini kaEddie.

(c) Ukufumaneka kolwazi malunga *neTape recorder.*

(d) Ukundwendwela kukaHlobo e*Femina House*. (4)

2.2.8 Tyhila isimo sentlalo esikwesi sicatshulwa. (2)

2.2.9 Phawula ngokufaneleka kwesihloko sale noveli. (2)
**[35]**

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – Zama A Japhta**

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

Oyena mntu yamkhubekisayo le nto yokukhalaza kwaba bantwana yaba ngunina wabo, uMamTolo. Yamhlupha kakhulu into yokubona abantwana bakhe betyelelelwa nguMonwabisi waza wazimisela ukuba uza kwenza konke okusemandleni akhe ukuba asivale eso sikhewu. Wawungafika ke engqongwe ngabo bantwana bakhe ebabunguzelela ngobubele ebanika oku nokuya ngelithi ufuna nabo bazive ukuba kukokwabo apho. NgakuMonwabisi? Ngokunokwakhe wayengenanxa naye emthatha njengomntwana naye. Wayezama kangangoko anako uMamTolo ukuba angamkhethi uMonwabisi, kodwa yona into yokuba wayengenguye owesizalo sakhe yayicaca kumntu okufutshane naye. Kuthe kuba ke kungekho mntu ukufutshane naye ngaphandle kwabantwana abo ayaqapheleka ke loo nto yokuba uMamTolo wayemphatha ngendlela eyahlukileyo kunabakhe abantwana uMonwabisi. **Wayesithi ukuba ungene kwindlu abadlala kuyo bonke aba bantwana ekhona naye uMonwabisi abonakalise ukukruquka aze akhawuleze ambonele umsebenzi amakawenze uMonwabisi noxa wayeselula kangako.** UMonwabisi wayifunda eselula enjalo imisetyenzana efana nokusenga, ukucoca imigangatho yaloo ndlu inkulu babehlala kuyo, ukungcekelela i-emele yamanzi neminye imisebenzi awayemnika yona uMamTolo. Lonke elo xesha enza le misetyenzana uMonwabisi abo bakhe uMamTolo babukela okanye badlale apho endlwini. Ngelayo ke inkosikazi kaRhadebe yayifuna into yokuba njengoko wayexatyisiwe nguRhadebe uMonwabisi, azame ngako konke anako ukuba azazi ukuba uyintoni na apho.

3.1.1 Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

3.1.2 Libe yintoni igalelo lokusweleka kukaMaRhadebe kusapho lakwaThandabantu? (2)

3.1.3 Nika injongo yokusetyenziswa kwamazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

3.1.4 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukufaneleka kwegama athiywe lona uThandabantu kule noveli. (3)

3.1.5 Nika intsingiselo yebinzana, 'wayengenanxa naye' elikwisicatshulwa. (2)

3.1.6 Cacisa ngeengongoma eziNTATHU ukuba umona kaMamTolo ulikhulise njani eli bali. (3)

3.1.7 Loluphi udidi lwempixano olutyhilwa kwimigca ebhalwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (3)

3.1.8 Nika udidi lwale noveli. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

'Abekho ngokwangoku ke "Bra Sam" '.
'Ngxatsho ke ndoda, xa bebuya sele inguwe owongamele laa mashishini kayihlo baze nabo bafune ukuba nento abayifumanayo ungathini?'

'Hayi, kaloku ngoodade wethu kwaye badala kum ngoko ke ndakuvumelana neminqweno yabo.'

'Ngamanye amagama uya kuvumelana nabo nokuba bathi thengisani yonke into ukuze nohlulelane ngemali?'

'Hayi bhuti andithethi kanjalo. Kaloku nabo baya kufumana isabelo ngokuthanda kukatata, wona amashishini akanako ukuthengiswa kuba loo mali iya kuba ivele ngawo. Abona bantu banokutsho ngokuthengiswa kwawo ngutata nomama qha.'

Ngxatsho ke nyana, kulungile xa kunjalo. Unokuba uyabuza engqondweni apho kuwe ukuba le mibuzo iya phi na. Mandenjenje ke Monwabisi: Ngoku kufikelele ixesha lokuba uphumze utata wakho uthabathele kuwe ulawulo lwala mashishini akhe. Ukuthathela ulawulo lwawo aluthethi ukuba ngoku ungenza nantoni ova uyifuna ngawo. Ukuba ubundimamele, imibuzo yam siqala ukuthetha bendifuna ukubona ukuba unako na ukuluthwala olu xanduva luza kuwe.

Ngoku nguwe oza kungalali ngenxa yomsebenzi, nguwe oza kugxekwa xa kukho okungahambi kakuhle. Ngoku kumhla wohlukeneyo nabahlobo nolonwabo neziyolo. Ngoku ungusomashishini, ungumzali, uyinkokheli, ungumhluzi wokulungele nokungalungele la mashishini kayihlo. **Ngoku nguwe thina esakuthi udlalise wachitha intsebenzo yeminyaka kaThandabantu.**

3.2.1 Ubaluleke ngantoni lo mxholwana wesi sicatshulwa kule noveli? (2)

3.2.2 Tyhila isigqebelo esivezwa kwesi sicatshulwa. (2)

3.2.3 Xela udidi lozobo azotywe ngalo uMonwabisi kwincoko yakhe no 'Bra Sam'. (1)

3.2.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Kule noveli uThandabantu ungumlinganiswa …

A oyintloko.
B ongumchasi.
C onguvalithuba.
D olitshijolo. (1)

3.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli; Intetho ebhalwe ngqindilili ngumzekelo (wolwimi oluqweqwedisayo/wolwimi olucengayo). (1)

3.2.6 Tyhila umfanekiso-ntelekelelo okwibinzana elinomgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

3.2.7 Bhala iziganeko ezingezantsi ngokulandelelana kwazo ebalini.

(a) Ukuya kukaHlubikazi eThekwini.

(b) Ukubandezwa kukaMonwabisi imfundo.

(c) Ukusweleka kukaGcinikhaya ngengozi.

(d) Ukuvalwa kwamashishini kaThandabantu. (4)

3.2.8 Tyhila isimo sentlalo esikwesi sicatshulwa. (2)

3.2.9 Phawula ngokufaneleka kwesihloko sale noveli. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

| | |
|---|---|
| NDILA: | Ungawacula nje onke loo matyala. Andisayi kuze ndibe yintsika yakho njengooSammy aba. Udaka olutyatyekwe phezu kwesamente luxobuka zingekakhali nokukhala ezesibini iinkuku. |
| MAZIKO: | Yinile! Utheni kakade! Utywala buz'entloko ngoku? |
| NDILA: | Andinaxesha leencede Sammy xa ndijongene nesangxa. |
| MAZIKO: | Kwedini akubazi abantu. Ndingakusonga ube yifayidukhwe ngoku. |
| NDILA: | Ingakhonkotha isiny'amazinyo. Kufayayo. |
| LONI: | Maziko, hayi khona. Manene sisikolo esi nicinga ukuba niphi (*Ebetha itafile ngamandla, bee gogololo).* Kuyacaca ukuba **sibhutya-bhutyana** nesanga nenkohla. Ke amade ngawetyala. Lo mcimbi ndiyawudlulisa ndaye andisayi kubuya mva. Xa uNdila ekholwa lolukaBenya ulungile. |
| MAZIKO: | Ndicinga ukuba chief, uDicksie akaqondi kakuhle. |
| LONI: | Asiyoyam leyo indima yeyekomiti. Kwanele ngoku. Ukuba akarhoxi kwesi sithuba sakhe andikhwelele, ndazi mhlophe ukuba unomasinana ukholwa ngamanz'ashushu. |
| NDILA: | Ndirhoxe? |
| LONI: | Ngowakho lowo umqa awufuni mna. |
| NDILA: | Awu! Wenzani na chief? Kutheni lento ngathi akuyondoda. |
| LONI: | Ukuze kube ndiyindoda kufuneka ndibe ngumkakho? |
| NDILA: | Hiawu! Madoda kulula ukucikoza nixel'intengu xa ningekarhawulwa ngumlilo. |
| LONI: | Kuya kuthi ukuze kulunge side sirhawulwe nathi? |
| NDILA: | Hayi noko ziinkosi zam bendingazi ukuba kanti senikumhlaba wokunukiselana ngamakhwapha – ukuba kunjalo ke ndicela uxolo chief umnatha undibambile. |
| LONI: | Umnatha uqhinwe watshixwa nguwe, kwaye isekwanguwe nomgcini sitshixo. Okokuba bendingahlonelanga usapho lwakho, esi sihlalo sakho kwesi sikolo ngekudala sahlum' ingca. |

4.1.1 Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

4.1.2 Libe yintoni igalelo likaLiziwe kwityala likaNdila elixoxwayo? (2)

4.1.3 Nika injongo yokusetyenziswa kwengxoxo kwesi sicatshulwa. (2)

4.1.4 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukufaneleka kwegama athiywe lona uMaziko kule drama. (3)

4.1.5 Nika intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili ngokwakwisicatshulwa. (2)

4.1.6 Cacisa ngeengongoma eziNTATHU ukuba ukuthanda utywala kukaNdila kulikhulise njani eli bali. (3)

4.1.7 Loluphi udidi lwempixano olutyhilwa yile ngxoxo kaNdila noLoni? Xhasa impendulo yakho. (3)

4.1.8 Nika udidi lwale drama. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

*(Kuthe kusithi chapha ilanga sabe sesiboniwe isidumbu sikaMawonga kuba abarhuqi ababanganakho ukufikelela emfuleni kukothuswa yimoto. Abizwa amapolisa, asithabatha isidumbu, sasiwa emapoliseni. Kuthe kwakungabikho nxeba, saqhaqhwa kwafumanekisa ukuba umfi ubulewe yityhefu. Sibona oontamnani abanumzana D Njobe no-S Maqhinga kwaLoni.)*

NJOBE: Nkosikazi masikucele okokuba usinyamezele. Size apha ngophando lokusweleka komyeni wakho.

MAQHINGA: Siza kubuza nje imibuzo embalwa ngomfi lo.

THANDIWE: Kulungile. Ingaba kukho kukrokreleka na kule nto?

NJOBE: Hayi nkosikazi, siqhuba isiko loburhulumente. <u>Umyeni wakho ebeginya?</u>

THANDIWE: <u>Kakhulu.</u>

NJOBE: Ziziphi iindawo abethanda ukubutha kuzo. *(Cwaka)*

MAQHINGA: Sithetha iindawo ebesela kuzo.

THANDIWE: Ubekholisa ukusela kwaThulethu, kodwa indawo ebesehlala kuyo kukwaFuneka.

NJOBE: UFuneka lo uyintoni kuye?

THANDIWE: Kulapho kuhlala uZanele owandihlutha umfi lo.

MAQHINGA: O! Mandithi nkosikazi ucinga ukuba ngumntu wakhe?

THANDIWE: Andicingi ndiyanixelela nakuba ke phofu ndiva ukuba ngoku ufe selegxothwa apho oko waphelelwa ngumsebenzi.

NJOBE: Mh … Umfi lo umgqibele nini?

THANDIWE: Ngosuku olwandulela olu acholwe ngalo. Zange atye imini yonke, wemka ngorhatya, seva isithonga kwakusa.

MAQHINGA: O! Uhlala phi uFuneka lo noZanele?

THANDIWE: Apha kwa-N.U. 3.

NJOBE: Siyabulela nkosikazi. Sisagqibile okwangoku. *(Baphume baphindela e-ofisini apho bafike sekukho uNomawele Ngaliphi.)*

NJOBE: **Uthini sisi wam? Singakwenzela ntoni?**

NOMAWELE: Ndifuna ukukubona bucala sajini. *(Bangene kwelinye igumbi.)*

4.2.1 Ubaluleke ngantoni lo mxholwana wesi sicatshulwa kule drama? (2)

4.2.2 Tyhila isigqebelo esivezwa kwesi sicatshulwa. (2)

4.2.3 Xela udidi lozobo azotywe ngalo uMawonga kwincoko kaThandiwe noSajini enomgca ngaphantsi. (1)

4.2.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Kule drama uNomawele ungumlinganiswa …

A oyintloko.
B ongumchasi.
C onguvalithuba.
D olitshijolo. (1)

4.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli; Intetho ebhalwe ngqindilili ngumzekelo (wolwimi oluqweqwedisayo/wolwimi olucengayo). (1)

4.2.6 Tyhila umfanekiso-ntelekelelo okwibinzana elinomgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

'Zange atye imini yonke, wemka ngorhatya, seva isithonga kwakusa.' (2)

4.2.7 Bhala iziganeko ezingezantsi ngokulandelelana kwazo kulo mdlalo.

(a) Ukuya kukaMaziko kwaNdila.

(b) Ukugxothwa kukaNdila emsebenzini.

(c) Ukufika kukaNomasoka noRay kwaLoni.

(d) Itheko lakwaFuneka. (4)

4.2.8 Tyhila isimo sentlalo esikwesi sicatshulwa. (2)

4.2.9 Phawula ngokufaneleka kwesihloko sale drama. (2)
**[35]**

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – Madoda Mlokoti**

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

NCAPHAYI: Heke. – Ndilapho kanye. Lo mntwana andiyifumani ingqondo yakhe kwaphela. Ukhe umve khona wena encokola nodade – wabo nabantakwabo?

MATSHEZI: Hayi tata, uyinto esoloko izivalele egumbini lokulala, suka amke ngorhatya abuye ezinzulwini zobusuku.

NCAPHAYI: Nantso ke. Ikho le nto <u>imtyayo</u> lo mntwana, kunjalo inkulu. Uyaqonda phofu ukuba uBantubomzi noNtomboxolo ngabona baselula yaye bamele ukujonga kuye njengomzekelo, kodwa hayi akanguwo umzekelo konke-konke.

MATSHEZI: Hayi kona kunjalo tata, ibe eyona nto indixhalabisa nangakumbi yile yokuba umkhuluwa lo wabo uZanoxolo uyakhwela kulo nyaka uzayo, uya emLungwini eKapa. Sakuba ngabakakabani kusakuba njalo.

NCAPHAYI: Liyinene elo nkosikazi, ibe asinakumbamba uZanoxolo sithi makangahambi, naye ayokuziqwebela obakhe ubomi, njengendoda.

MATSHEZI: Ubucebisa ntoni Tolo, utsho usithini? Ngoba mna asikuko nokuba ndithule nje andiboni, ntonje kukuxakwa, kudala ndithetha naye lo mntwana kodwa ha-a … akuvumi.

NCAPHAYI: Uye athini xa uthetha naye nkosikazi?

MATSHEZI: Uphendula nje loo nto ibuzwayo, emva koko aqhubeke eqwalasele kulaa mnxeba wakhe. Akathethi.

NCAPHAYI: Yintoni khona kakade le asoloko ngalo lonke ixesha eyiqolozele kulo mnxeba?

MATSHEZI: Hayi tata! … Banjalo bonke wethu aba bantwana, ingene nakwabancinci ngoku le nto. Akukho mntu uncokolayo apha kweli khaya ngoku, bonke baqolozele kule minxeba yabo, abeva umntwana sowumbiza.

NCAPHAYI: Ngenene ngenene yintoni MaTshezi le bayiqolozeleyo kule minxeba?

5.1.1 Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

5.1.2 Libe yintoni igalelo likaDina kolu nxunguphalo lwabazali bakhe? (2)

5.1.3 Nika injongo yokusetyenziswa kwengxoxo kwesi sicatshulwa. (2)

5.1.4 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukufaneleka kwegama athiywe lona uZanoxolo. (3)

5.1.5 Nika intsingiselo yebinzana, 'uya emLungwini' elikwisicatshulwa. (2)

5.1.6 Cacisa ngeengongoma eziNTATHU ukuyekelela kukaMaTshezi ekuqeqesheni abantwana kulikhulise njani eli bali. (3)

5.1.7 Loluphi udidi lwempixano olutyhilwa sisenzo sikaNyoka sokugxotha uDina akukhulelwa emsebenzini? Xhasa impendulo yakho. (3)

5.1.8 Nika udidi lwale drama. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

*(Lusuku olulandelayo ngoMgqibelo, kusehotele kwaThambolenyoka. Egumbini elingaphakathi nguNoyongo noNomhase. UNozigoci ugetyengiwe, ngendlela efanayo nekaNozici.)*

NYOKA: *(Esothuka)* Nithi kutheni?

NOYONGO: Kunjalo Mlungu.

NYOKA: Yinto eyenzeke njani leyo?

NOYONGO: Kuthiwa ucholwe ngamapolisa emva kwentsimbi yethoba phezolo Mlungu. Ucholwe equngquluze phambi kwendlu leya bebehlala kuyo noNozici.

NYOKA: Kuthiwa wenzakele njani?

NOMHASE: Naye kuthiwa linxeba linye Mlungu, emqolo. Lingene ngemva ezimbanjeni latyhubela laya kuhlaba intliziyo. Kubonakala ukuba bekuxa avula umnyango, kuba kuthiwa ufunyenwe efumbethe isitshixo esandleni.

NYOKA: Akukho nto ithathiweyo kuye?

NOYONGO: Hayi Mlungu nesipaji sakhe sifunyenwe sisekuye.

NYOKA: (*Uthule ithutyana ecinga ejonge phantsi, suka wagqabhuka ngumsindo.)* Niyayibona le nto ndiyithethayo, ndisithi kuni bambani laa mntwana unxibe impahla emnyama. Niyaphela ngoku. Kule veki iphelileyo ibinguNozici, ngoku nguNozigoci. Ngubani owaziyo ukuba kule izayo iza kuba ngubani? Mhlawumbi nguwe Nomhase, Noyongo okanye ndim. Kwazi bani?

NOYONGO: **Kodwa makhe sithethele phantsi.** Mlungu nawe usuka usihwahwe ngamanye amaxesha singakwazi nokucinga. Yini Mlungu wam kunini sasebenza nawe sithembekile. Ewe yona into yokugetyengwa kukaNozici noNozigoci ngolu hlobo ayehli kamnandi nakuthi. Kodwa wena usuke uthi sisazama ukusebenzisana nawe usihwahwe ngolu hlobo. Usebenzise amazwi abukhali nahlabayo, usaphule iintliziyo.

NOMHASE: Ewe kunjalo Mlungu. Unyanisile uNoyongo. Akuzange kube nje apha kweli khaya.

5.2.1 Ubaluleke ngantoni lo mxholwana wesi sicatshulwa kule drama? (2)

5.2.2 Tyhila isigqebelo esivezwa kwintetho kaNyoka enomgca ngaphantsi. (2)

5.2.3 Xela udidi lozobo azotywe ngalo uNyoka kwintetho kaNoyongo engezantsi.

'Mlungu nawe usuka usihwahwe ngamanye amaxesha singakwazi nokucinga.' (1)

5.2.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Kule drama uNomhase ungumlinganiswa …

A oyintloko.
B ongumchasi.
C onguvalithuba.
D olitshijolo. (1)

5.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli; Intetho kaNoyongo ebhalwe ngqindilili ngumzekelo (wolwimi oluqweqwedisayo/ wolwimi olucengayo). (1)

5.2.6 Tyhila umfanekiso-ntelekelelo okwibinzana elinomgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

5.2.7 Bhala iziganeko ezingezantsi ngokulandelelana kwazo kulo mdlalo.

(a) UMzunzima nenkosikazi yakhe bathenga umzi ngakuKomani.

(b) UKuku ugxothwa emsebenzini.

(c) UZanoxolo ubhaqa isixhobo emotweni kaDina.

(d) UDina uzuza isipho i*laptop*. (4)

5.2.8 Tyhila isimo sentlalo esikwesi sicatshulwa. (2)

5.2.9 Phawula ngokufaneleka kwesihloko sale drama. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 6: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu no EZ Guqa

### 6.1 'UMHLAHLO NGAMEHLO' – LL Ngewu

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

> Umtshutshisi uyikhalele le nkewu wayityityimbisela umnwe ngelithi isengozini engenakuthelekiswa nanto kuba idlala ngekhuba kuziliwe, koko loo mazwi awe kumntu ongawananze nganto.
>
> Kuphakame ngoku ummeli kaZolani wacela ukuba ummangali aphendule nje imibuzwana embalwa. Nakuba umfo lo ethembise ukuba imibuzo yakhe imbalwa, uyingxixhile le ntwazana ngemibuzo eyipheka eyophula engayiphi nelincinci ithuba lokuphefumla. Uqale lo mfo wangathi unqol' intaba, engabonakali inkalo aza kuqabela kuyo kweloo qhina lingumnqantsa.
>
> *'Khawutsho ke, Nompoxeko, ngokuya wawusiya kule holo yokhuphiswano loonobuhle wawuhamba nabani?'*
>
> *'Ndandihamba noZuziwe noZanele.'*
>
> *'Babephi ke aba bantu wawuhamba nabo ngoku uhlelwa sesi sihelegu?'*
>
> *'Ndandibashiye eholweni.'*
>
> *'Wawubaxelele ukuba uyahamba?'*
>
> *'Zange ndibaxelele.'*
>
> *'Olu khuphiswano wawuye kulo lwaluseluphumile ngoku ugodukayo?'*
>
> *'Lwalungekaphumi.'*
>
> *'Ngale mini yolu khuphiswano kwakushushu nokuba kwakubanda?'*
>
> *'Kwakubanda kakhulu kunjalo.'*
>
> *'Kubande sowumkile ekhayeni lakho nokuba umke ekhaya sekubanda?'*
>
> *'Ndimke sekubanda.'*
>
> ***'Kanti walishiya ikhaya lakho sekubanda nje kwakutheni ukuze unxibe isigqebhezana sesibheshu esinje ukuba sincinane?'***
>
> ***'Mna ndinelungelo lokunxiba loo nto ithandwa ndim.'***
>
> *'Ingathi ukuze siphale kunye kufuneka uphendule imibuzo ebuziweyo.'*

6.1.1 Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

6.1.2 Libe yintoni igalelo likaZolani kule ngxoxo? (2)

6.1.3 Nika injongo yokusetyenziswa kwengxoxo kwesi sicatshulwa. (2)

6.1.4 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukufaneleka kwegama athiywe lona uNompoxeko kweli bali. (3)

6.1.5 Nika intsingiselo yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokwakwisicatshulwa. (2)

6.1.6 Cacisa ngeengongoma eziNTATHU ukuba ukuxhaphaza amantombazana kukaZolani kulikhulise njani eli bali. (3)

6.1.7 Loluphi udidi lwempixano olutyhilwa yile ngxoxo ibhalwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (3)

6.1.8 Nika udidi lweli bali lifutshane. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

6.2 **'KANTI ANDIZENZANGA!' – LL Ngewu**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

Amakhwenkwe elali yakowabo eSikhobeni akhe ambizela imbizo lo nyana kaXhalabile ngeenjongo zokumngxolisa ngokunqaba kwakhe kwiimbizo neentlanganiso zamakhwenkwe. Uye emadol'anzima kule mbizo kuba esazi ukuba incinci into emdibanisa nezi nkewu. Kuthe kanti akusiyo mbizo nje le, koko lityala ngobutyala balo. Isityholo abekwa sona ibe isisityholo sokusoloko ephakathi kwamantombazana. Akadananga lo mfo akuhliwa entloko ngolu hlobo, koko uthethele phantsi ebuza ukuba ukuzibandakanya kwakhe namantombazana yinto eyonani leyo. UThembelani ukhawuleze wamtyityimbisela umnwe emthembisa ukumhlaba impama, koko ummangalelwa woyikise ngelithi unina angabhinqela phezulu ukuba nje angeva ukuba wehliwe ngempama ngumntu angazalaniyo naye. La makhwenkwe athethe ophela, phofu ethetha izinto zasendle kucaca ukuba lo mfo amkhupha ekhaya emfaka kubom bobundladiya nobundlavini basendle. Ugoduke apho engenabhongo, ebhokoda ebhejile ukuba soze aphinde abe nanto yakwenza nezinjalo izibhovubhovu.

Amakhwenkwe elali athande ukumphatha kakubi lo mfo phofu kubonakala ukuba anxuse ukuba naye aziphathe kakubi, nto ke leyo ebengahambisaniyo nayo uMntuyedwa. **Babezama ngandlela zonke ukuba ade angene aphelele kwisikolo sokuqaqadeka**, kodwa umfo kaXhaphile uzame ngandlela zonke <u>ukuchasela</u> angaqheliseli nokuqhelisela oku. Ebenentlondi amakhwenkwe aseSikhobeni, into ke leyo ebengayingenanga uMntuyedwa.

6.2.1 Ubaluleke ngantoni lo mxholwana wesi sicatshulwa kweli bali? (2)

6.2.2 Tyhila isigqebelo esivezwa kwesi sicatshulwa. (2)

6.2.3 Xela udidi lozobo azotywe ngalo uThembelani kwesi sicatshulwa. (1)

6.2.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Kweli bali uNtandoyakhe ungumlinganiswa …

A oyintloko.
B ongumchasi.
C onguvalithuba.
D olitshijolo. (1)

6.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli; Intetho ethi, 'Mna, bawo, bendingazikhethela ukuba ngumntu wasetyhini', ingumzekelo (wolwimi oluqweqwedisayo/wolwimi olucengayo). (1)

6.2.6 Tyhila umfanekiso-ntelekelelo okwigama elinomgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

'… uzame ngandlela zonke <u>ukuchasela</u> angaqheliseli nokuqhelisela oku.' (2)

6.2.7 Bhala iziganeko ezingezantsi ngokulandelelana kwazo ebalini.

(a) Imbizo yakomkhulu.

(b) Ukufika kukaMntuyedwa eMnyameni.

(c) Ukufika kukaNtandoyakhe kwaMaDosini.

(d) UMaDosini undwendwela kwamfundisi. (4)

6.2.8 Tyhila isimo sentlalo esikwesi sicatshulwa. (2)

6.2.9 Phawula ngokufaneleka kwesihloko seli bali. (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.

## UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – Sibongile Maputi nabanye

7.1 Funda esisicatshulwa sombongo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**MFAZINDINI WASE-AFRIKA – KN Manciya**

Yizani bantu ningqine nank' umhlola.
Namhla kumhla ndalam' isimanga.
Silo sini na esi sity' utyani ngerhengqe?
Yintoni na le inje mzi wakowethu aph' ekhaya?
Usisilo na nokokuba ungumntu na?
Thetha kaloku, usabele xa ungumntu. Yeha!
Lixhishini utyani urheme bumthe swii.
Usisidla –tyani na de uthi swii mazindini?

Mazindini emabele abhonxel' ukwanyisa
Umthinjana nomlisela wakowethu uqhayisa ngani na?
Untsintsitheka naloo nyanda yeenkuni wobasela usapho na?
Loo mgqomo wamanzi uwungcekelele unzima unjalo na?
Uqengqana nembokotho elityeni wophekela usapho na?
Loo ti intubululu yenziwe kwanguwe ngalo mzuzwana na?
Isenguwe na mazindini yakowethu okhalelwa lusana?
Laa mbadu ngasebuhlanti iyoliswe yingalo yakho na?

Kuloo maqhwa aqhaqhazelisa imihlathi,
Ndithe mandla umfazi waseAfrika edovud' udaka,
Ath' exovaxova ab' enyovanyova ngezo zandla.
La mazwembezwembe ulungiselela iimini zikaXakeka emtyantini.
Ndimalam' entsintsitheka neziqonga zeepali ezidal' incilikithi;
Exhibitheka nje, ubawozala ukhala ngebhekilana yomthayi.
Yaya phi na imfobe kwesi sizwe sethu mdakasholondini?
Mazi zase-Afrika zona kade zayibamb' itshisa, sithi ngxe!

7.1.1 Nika injongo yokusetyenziswa kwegama u 'Yizani' kumqolo woku-1. (1)

7.1.2 Chaza umhlola obonwa yimbongi ngokwesitanza soku-1. (2)

7.1.3 Iqaqambisa ntoni imbongi ngomqolo we-9? (2)

7.1.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Umlisela nomthinjana' ngokwakumqolo we-10 …

A ngabafazi namadoda.
B ngabafana neentombi.
C ziinkunzi neemazi.
D ziinkonde neenkondekazi. (1)

7.1.5 Xela imisebenzi ibemiBINI eyenziwa ngumfazi wase-Afrika ngokwembongi kwisitanza sesi-2. (2)

7.1.6 Chaza ukuba imbongi imbona njengomntu onjani umfazi waseAfrika ngokwakwisitanza sesi-2. (2)

7.1.7 Chonga umqolo obonisa ukuba lo mfazi uhamba kwindawo ezinengqele. (1)

7.1.8 Tolika okuthethwa ngumqolo wama-21. (2)

7.1.9 Mfanekiso ngqondweni mni oziswa ligama 'Exhibitheka' kumqolo wama-22? (1)

7.1.10 Zifana ngantoni izitanza ezibini zokuqala zesi sicatshulwa sombongo ngokwesakhiwo? (2)

7.1.11 Nika umyalezo odluliswa yimbongi kulo mbongo. (2)

**KUNYE**

7.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMNQAYI – S Maputi**

Untongani le ingazanga yabetha?
Untongani le ingalaliswayo?
Untongani le ikwazi ukuthetha?
Untongani le ingaqoqwayo?
Awufakwa ntsilathi nadalo.
Lo mnqayi usikelelekile.

Asinduku le ukuhlonipheka;
Ngobumnyama nesithozela;
Ayichathwa bhinqa nankwenkwe;
Phofu ayihlali nezinye izagweba;
Lo mnqayi uthamsanqelekile.

Amakrwala athweswa ngawe,
Khu ngokunene oobhuti abatsha.
Begcine umfaneleko nokuxabiseka;
**Bangcembe** bekhangele phantsi;
Ingekuko ukuthanda kodwa intlonipho
Yakho mnqayindini.

Yintoni le ityhulu ngawe,
Imicimbi oyisindlekayo inesizothe nje?
Kumangalwa ngawe kwaXhosa;
Ugodusa isisu uqhube nekhazi;
Loo madoda emva kwezo nkomo,
Awaphazami ukuphekuza ngawe.
Akufika emzini awabuzwa,
Kuyaziwa, inyewe lulwendiselwano;
Kwakubonwa wena kuthethwa ngosingaye,
Hayi inyewe yobukhozi.

7.2.1 Xela isixhobo sohlalutyo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisitanza soku-1? (1)

7.2.2 Chaza okutyhilwa ngumbuzo buciko okumqolo wesi-3. (2)

7.2.3 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo wama-21. (1)

7.2.4 Kutheni umnqayi ungachathwa ngamabhinqa namakhwenkwe ngokwembongi? (2)

7.2.5 Siphuhlisa ntoni isifanekisozwi esingu 'khu' kwisitanza sesi-3? (2)

7.2.6 Linika ntsingiselo ni igama elibhalwe ngqindilili kumqolo we-15? (2)

7.2.7 Xela iindlela zibeMBINI osetyenziswa ngazo umnqayi ngokwesitanza sesi-4. (2)

7.2.8 Ludidi luni lombongo olu? (1)

7.2.9 Sahluke njani isitanza sesi-3 kwesesi-4 ngokwesakhiwo? (2)

7.2.10 Nika umxholo walo mbongo. (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**